

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KINGWILLIAMSTOWN, NGOLWESI-NE, APRIL 11, 1889.

[No. 230

I Dip ka Hellier.

NJENGOKUBA ngonyaka opelileyo ike yatengiselwa kakulu amafama. Ayincome kakulu okokuba lelona yeza lingenangozi litshipu. Namhla kambe njengokuba yenziwe yalunga ngakumbi, itotywe nangenani ngomlinganiselo wesahlulo sesine.—I-gallon enye igalelwa kwa 100 lamanzi (alandelayo).

Inani zi 8s. nge gallon.

Amagosa ayakubiza kwalonto ndawonye nenxamleko zokuyitwala.
F. TUDHOPE,
Market Street, Kingwilliamstown.

Inyama ne Zonka

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,
e Nyutawini nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcantcatweni.

WEBSTER & DODD

ABATENGI BO BOYA NEZI KUMBA NOKUTYA

Ngakwi Tyalike yase Wesile yabantsundu.

Kufupi ne nkundla ye Malike. Banika

Awona manani apezulu ngo Boya nezinto.

BUZANI

Kwi venkile zangapandle enilunge nazo Impahla engaba ziyitenge

J.P. JAMESON & Co.,

e QONCE (Kingwilliamstown),

Ezinjengo zi Blankete, Amabhayi, Ingubo zokunxiba, SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligeimil apa e-Komani, Amagumbi, nezitako nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kw Marike.
R. T. NUKUNA & CO.
Calderwood Street, Queenstown,

Izihlangu, Ihempe, ne Qhiya.

---- UNGAMLIBALI -----

J. P. Jameson & Co.

Kuba ingubo zabo zitshipu zilungile.

DYER no DYER

E QONCE.

BASAND'UKUFAMANA ngenqanawa ezisand'ukuvela. kwelipesheya kolwandle, impahla eninzi ukongezelela kwimpahla yabo kakade, baneke ngoku :—

IMPAHLA YAMADODA, Isuti ze zitofu — Ibhathi, Indulubhatyi, Ibhulukwe—16s. 6d.

Isuti zama kwenkwe—4s. 6d., 5s.

Indulubhatyi zamadoda zezitofu ziqala, kwi 2s. 6d.

Ihempe zokusebenza—1s. 3d., 1s. 6d.

Iminqwazi yezitofu, 1s. Etambileyo, 1s. 3d.

Ibhulukwe zezitofu—3s., 4s.

Isuti Zokutshata.

Isuti Zobufundisi.

Izihlangu zentlobozonke, njalo-njalo.

J. E. DEXTER.

INGCIBI yemiti no Mlungiseleli wo Ku ngecwaba. Ngezantsi kwesitora sakwa Aluveni. Kingwilliamstown.

OLUKA

GOWIE

Uluhlu Lwezityalo

zika APRIL.

I-ROSES.—Ixsha lokutyala liqalile.

Lixsha lokutyala (Strawberries) Amaqumbe lifikile.

IMITI YOKUHOMBISAGMIZI NE YEHLATI—Eli lelona xesha lokuyi milisela.

Umhlaba mawulungiswe kakuhle, kumbiwe izizingqi ezikulu zokunyi. misa.

INTYANTYAMBO.—I Hyacinth, Snow, drops, Tulip, uezinye intyantyambo zasebusika neza sentlakohlaza zisenoku tyalwa.

IMBEWU.—Hlwayela i Tswela Eikulu, i Tarnip, i Beet, i Kapetshu, i Letese, i Radish, i Parsnip, i Lucerne, i Mangile, njalo, njalo.

Imbewu ze miti namahlamvu ne ntya ntyambo ezilukuni zisenokuhlwayelwa.

Hlwayela i Eryvis Ngenyanga ezayo.

KWA

W. & C. GOWIE,

GRAHAMSTOWN.

KO TITSHALA.

Kufunwa.

U- TITSHALA (wendoda) kwesinye se zikolo zangapandle zase St. Matthew (Mtwaku). Awuqale umsebenzi ekutwasen kuka April. Abe ngonesiqiniseko so Titshala. Kunqweneleka ngakumbi olilungu le Ramente yase Tshatshi. Owufunayo wobhalela ku

REV. CHARLES TABERER,
St. Matthew's,
Keiskama Hoek.

NO TITSHALAKAZI onesiqiniseko so Titshala, wokuncedisa kwi sikolo s Ntombi e St. Matthew's, (Mtwaku). Ongum Ramentekazi wase Tshetshi angatandek ngakumbi, Abe namapepa axela angesimo sake.

Owufunayo wotumela ku
REV. CHARLES TABERER, St.
Matthew's,
Keiskama Hoek,

3i411

Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligeimil apa e-Komani, Amagumbi, nezitako nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kw Marike.
R. T. NUKUNA & CO.
Calderwood Street, Queenstown,

G.Frauenstein

KWA QOBOQOBO.

UYAZICELA zonke izihlobo zake esintsundu okokuba zize zipose iliso kule nkumba yake eyiyenkilt Ungumtengeli wento zonke ezibutataka nezilukuni. Zitengiswa ngamaxabiso alula ndisenzela amaxesha.

Imfele, izikumba, umbona, ingqolowa, Ndzirolela amaxabiso apezulu.

Kwelinye Ipiko kuko nomfo otunga izi hlangu zentlobo zonke.

Kukwako ne Butcher's Shop, ne Baker's Shop.

KUTENGISWA

NGOKU

I Jersey Zama ledi 'zamabala ntlabo zonke.

Izihlangu ze njolobha ziqalela kwi 4/6 kuse kwi 6/6.

Ezibotshwa ngemitya ziqalel kwi 6/ kuse kwi 7/6.

Ikausi zamaledi ezitshipu, ezona zilungileyo ziqalela kwi 3d kuse kwi 1/.

Iziteyisi zamaledi zentlobo namabala onke.

I Printi kongona zitshipu

nenx'engapambili.

W. O. CARTER & Co

Kingwilliamstown.

John J. Irvine & Co.

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s

IBHATYI ,, ,, —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d

I-Bhulukwe ,, ,, —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s

Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to 18s 9d.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, 1s, 1s 3d, 1s 6d, 2s

Ihempe ze fulaneli—1s 6d, is 9d, 2s, 2s 6d

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s 11d, 3s &

KUKO I Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo)

7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko

kupela asemqumbelweni). Zisusela ku 4s 6d

zise kwi ponti.

Iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi

Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5d, 6d nge yadi s

Izitofu ezibugqi—6d, 7d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & Co.,

u-ALUVENI.

UBUSIKA 1889.

BAKER, BAKER & Co.

Baneke impahla yabo eninzi, intsha ' ye ngubo ze ndidi zonke.

I Kauze kubona IBHATYI ezi

NKULU

'Kauze kubona I-SUTI

Kauze kubona I-BLANKETE

. IHEMPE, IMINQWAZI, IZIHLANGU,

NJALO, NJALO.

Azizanga zibeko ezinjalo ubutshipu

zihleli zifika.

BAKER, BAKER & Co.

EQONCE.

IZAZISO NGE "MVO."

Umzi wakowetu mawuyi qondisile kakuhle indlela yokuhlalela

"IMVO ZABANTSUNDU"

ukuba intlaulo:—

Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyangayokuqala..... 3s.
Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga yokuqala 3s. 6

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoku kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

Iveki.

NGO.Mgqibelo ongapaya, i Jamani eling Schultz lincedwe liggira u Dr. Chute e Qonce ngokuti litye ityefe yempuku i " Rough on Rata." Pambi komantyi lite libe lisele kunene ukukwenza kwalo oko.

UMOYA omkulu ovutuze e Samoa (Pacific Ocean) ekuzenikufa kwalenyanga ipileleyo, ntsho kwaqekeka inqanawa zama Jamani nezase Amelika ezisesitandatwini, kwatshona isitoba senkosana, amashumi asibhozo anesixenxe amadoda kwawomkosi wama Jamani; kwawase Amelika kutshone inkosana ezine, namashumi amatandatu amadoda.

INKOSAZANA u Victoria imnike isipo u Lobengula somfanekiso omkulu wayo.

KUTE ekufeni ko March ngakunxweme lwe Dunkirk kwelama Skotshi umkombe oyi Ostend wangqubeka koyi Dover, yatshona kunye ne Kapten neshumi linesihlanu lababesenqanaweni.

Isiso ekufeni yi diphtheria sokubola komqala kwentsapo, engene ngamandla e Barkly East. Ku Mr. Greyventin, itabate abantwana ababatu kwisituba sentoku ezintatu. Owesine nowokupela uyafa.

OVELA e Free State uncoma inqwelo nabantu abenze utuli olumbhoxo ukuya e Rautini, ukusuka e Aliwal North.

NGASE Pretoria knxelwa eyengozi edubule ekufeni komlungu ongu Martin, owoyelwe yimbumbulu epume ngengozi kumpu ka Mr. Dovey, omnye umlungu, yatyaleka esifubeni, wafa kwayoko.

IMPI eyamkela *Imvo* e Kwata ipela ngo March lixesha (ngo April lo) ifikile imali yayo.

"INTOMBI zezimini zikufanelena ukuba zibe ngabafazi longumbuzo owenziwa linene elafisenza into pambi kwentlanganiso enkulu. "Zibe zifanele ukuba ngamadoda." livakele lisitsho ilizwi leledi pakati kwentlanganiso; " apo isixaki sikona kusekubeni nina madoda anikufanele ukuba ngabafazi." Yegquzu indlu yonke ngentsini nokuqubaba izandla.

INANI labemi base Johannesburg kutiwa ngoku lipakati kwe 45,000 ne 50,000.

U MR. T. A. KING upumile ebumantyni base Ngqamakwe, ikwazinkazimlo zele Golide, ezibange oko. Yimantyi yesibini epandlwe zizo, zaqala ngo Mr. A. W. Fuller, eyakwa Centani.

NGOLWESI-HLANU (12 April) iya kuhlala e Qonce Ijaji.

NGAPA ngase Fraserburg kubetwe ngumbane ikari eyayino Mr. Tredgold, igqweta, no Mr. Samuel isandla semantyi, amabashe omabini afa, baqutywa kodwa bona.

E SOMERSET EAST i Jaji u Maasdorp, yohlwaya indodana eminyaka ilishumi linesibhozo ngobudlwengu kwintombazana eminyaka mine. Umondosholo luo umunike iminyaka 12, nekati 40. Yavakalisa umnqweno i Jaji ukuba esi sigwebo zesibhengezwe ngokubanzi.

ABABANIWA abebepambi kwe Jaji e Aliwal North bakolise ukufunyanwa bengenatyala. Lomadoda akululekileyo ngango Mahala no September ngobusela begusha ezi 200; Hendrick van Wyk, Umtwa, ngobusela; January, ngokonakalisa impahla ngomona; u Zestora, ngokwenzakalisa u Barkly East, unike winyanga ezilitoba.

WAKA wati umfundisi kwindoda eyayihlalisenze kakubi nomfazi wayo, " Kumbula umka Lote." Ute yena selekolwe yeyokosa kokawe umfazi ngapande kokuba akumbule abafazi bamanye amadoda.

AMATEMPILE amhlope nantsundu ase Qonce aya kuba nentlanganiso enye ngolwesi Hlanu olu kwinkundla yawo ese Market Street, ukubulisa igosa eliluku labazili u Mr. R. Ayliff. Siwunqwenelwa ixesha elimnandi lowomhlambi.

KUBALISWA lucingo ezokunyuka kwexabiso loboya kwelama Jamani, obabutengiswe nge £100 ngo January odluleyo, bunyuke nge £5 namhla. Nase London buyafunwa. Nakweli lizwe iyakunyuka ixabiso ngetuba lezindaba.

KUXELWA kwalucingo ukubhubha kwe Duchess of Cambridge intokazi yegazi kwelase Mangesini, xa ubudala bebusebuyi 92.

INTO emhlope abati ngu Hassa, igwetyelwe ukuxhonywa yi Jaji e Prince Albert, ngokubulala u Mr. De Beer.

NGOBUSUKU bo-Mgqibelo ucingo oluvela e London luvakalisa ezokubulawa kwe i Kumkani yase Abyssinia kwiduli nempyi ye Deverish— umkondo otile wama Arab. Kunconywa ukwanda kobuhovubhovu kwelase Abyssinia, kwakuvakala ukufa kwalowo Mtshawe.

Kwa olocingo luxela ukuba isihlalo sika Mr. John Bright e Palamente lisezinkanini. Elinye iqela ukuba yahlulelene kuwo e Palament lifuna u Mr. Beale oyi Liberal; i Tories zifuna unyana ka Mr. Bright, u Mr. Albert Bright. Umbuso wama Jamani ugqibe kwelokuba utumele ezinye inqanawa zemfazwe ukuya kuvula indawo yeziya zapulwe ngumoya e Samoa. Kuvakala ukuba zimonyalelo wokuba zesezizihluta iziqiti ezandleni ze Amelika. Amamelika arara nawo ngelotuba,

INANI lamapolisa elama Betshwanamhlaimbi lizakongezelwa de libe ku 800.

KUVAKALA ukuba into ezilinyiweyo zintlelizwe, ze sonakalelwe ngakumbi tina pesheya kwe Nciba, nakuba kungenjalo kodwa mzi untsundu

ELUSUTU kutiwa isivuno senggolowa sigqitile uusebenzele kakulu into eziya kuba kweseminyaka embalwa osand' ukudlula.

ISIKOLO sabantsundu sase Tshatshi esise Maritzburg, side savalwa ngenxa yokuba isolokolizwe ngu Mntan' Omhle ngexesha ilutuli olunye amadabi pakati kwamadodana afunda kuso nama dindala ngokuhlwa.

Isifo somqala (diphtheria) singene kwakona Libe lingamfanelayo igama lenene ngamandla e Cradock. Siyatuta. Inkulu intshukumo kuba pati bomzi ukuwucokisa, kuba kubonakala ukuba sibangwa kunchola.

U HON. J. G. STETTLER, M.L.C., unyulo ukupuma kwiwonga lokuba lilungu lendlu yengwevu lomandla wase Kapa. Indawo yase ikankanyelwa u Mr. Geo. P. Moodie osele kubonakala ukuba sibangwa kunchola.

U ANDRIES DU PLESSIS, Ibhulu lase Dordrecht eleba igusha zika Mr. T. Bradfield esi S77, ne 146Nciba kuse Emzimkulu ngezanikelwa zika Mr. Kleinbans, livumile ukuba laziba ezika Mr. Bradfield, kodwa ezika Mr. Kleinbans zasuka zadibana nazo engazibi. Unikwe iminyaka emitatu yi Jaji ngoku ibihleli e Dordrecht.

O TOBIAS GROBLER no Labushayne ama Bhulu awayebe utywala awayebulayishile adliwalokunqabisa umhlaba wetu kwinto kwangalomini £20 ne £10.

KUQUALWE e Kapa ngeveki egqitileyo ukubekwa kociingo oluhamba ezinzulwini zolwandle oluya e England, lunyuka kwicala lase ntshonalanga. Lutwelwe ngumkombe oyi *Scotta*.

KUKO umfazi omhlope otshole endlwini ngo April, e Kimberley.

E SOMERSET EAST kuxelwa ngokubhubhange kwenene elidala lakona u Mr. W. B. Rorke.

I PALAMENTE yase Natal ibizelwe ukuba ihlangane ngo 25 April.

IFAMA elingu Jan Valentin Vos, lidliwe £3 ngu mantyi wase Tinarra knba lisuke lahamba ngendlela yenyawo libaleka ukuhlala idobilityi ezimbini zokwele ihashe e Toleni.

SIYATEMBA ukuba ikaba aliyilibe itimiti eyayaziswe ukuba yoba se Monti ngo Mgqibelo ozaayo. Yeyokunoodisa kumsebenzi webandla lase Rabe.

AKUMASHUMI amabini amatyala aya kutetwa yi Jaji apa e Qonce ngolwesi.Hlanu. Inani lamangqina lifikile ekulwini.

NGO-MVULO (15 April) ngokuhlwa, ngentsimbi ye 8, kwindlu yama Tempile ese Market Street iya kuba yi Concert (imvumo) yama Tempile antsundu ase Qonce. Bonke abantu bayacelwa ukuba baze babeko ukuyizimasa.

U MR. GEO. ARMSTRONG, ogama lazekayo kunene e Cradock, nya kuvelwa usizi yinto eninzi yabantu ngesihlelo esimhleloyo sokulahlekelwebazama ngxen' enoku kufa komqala omhlope, into olungayenzelwayo. I Komiti eyanyulwa ngabantwana ababatu ngentsuku ezilandelelanayo, ngo 27 March, ushiywe ngunyana owabako ngobuhlangane kusasa ngo-Mvulo, esitembang April, 1888; ngo 28 March yintombi eyazalwa ngokuba iziqigibo zayo zogninyisa amate. December, 1882; waza ngo 31 March washiywa yintombi eyazalwa ngo February, 1885. Ungowokukuzwa ngenene.

U MR. W. G. CUMMING, umantyi wase Mount Frere, usuke ekayeni lake ngeveki egqitileyo. Utyelela e Scotland okwe nyanga ezintandatu.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, APRIL 11, 1889.

IRULUNELI U SIR H. ROBINSON.

LOMNUMZANA uyi Ruluneli yetu uya kusinga kwelase England ngo 1 May. Ixesha lake lobu Ruluneli selipelile. Laye belipele kwango 1887, kuba i Ruluneli inyulelwa iminyaka emitandatu; kute kuba Inkosazana ibinga angake ahlale ixesha de kulungelelane imicimbi enjengaleyo ipatelele ekutwatulwleni kwemida yolaulo lwa Mangesi kwelama Betshuana nela Mangwato nelakwa Mzilikazi, wacelwa ukuba ake ahlale. Uyihleli ke iminyaka emibini engapandle kwexesha lake. Ngoku ke ipileleyo, yinkohla; kunzima ukuyifumana indoda efanelekileyo

yokutabata indawo yake. Kude kwagqitywa ngamapakati e Nkosazana ukuba kungabalulwa bani ukuba eze kuba yi Ruluneli yeli, de u Sir HERCULES ROBINSON afike e London, abhunge nezipakati ngenodda emayitunyelwe, kwanangemicimbi yeli lizwe. Seloko lona ucango lokuba abuye eze kupata lugengekile. Umka ngendlela enjalo ke ngo May 1.

Kude kwenziwa eyona nto ifanelekileyo ngamapakati e Nkosazana. Kuba ngobu budididi bebuko ngenodda emayimiselwe esihlalweni sobu Ruluneli, besiyakuti mhlaimbi sinikwe indoda ebiya kungenwa ngamakwele akoyo kweli

Ngelixesha abeko, umzi ontsundu ngufakafa. Wokumbula umzi ukuba u Sir H. ROBINSON utunyelwe kweli intshumayelo yoluhlobo ihlokonyiswe kwipepa le Mvo, elamelisela ukuzama amalungelo ezizwe ezintsundu?

Kuti ke kwakubon' ukuba akakalinyelwa bani kulentshumayelo yolahlekiso, yokuti masiyeke ukuxhatalazela ubulungisa nenyano, masibe ngamaviti atwelwe ngumsinga,—kuhla into edla ngokuhla kakade akuti ubani aziyeelele ngolohlobo lutetwa ngu Pelem. Uhla, ehle, angabi salazi icala elinyaniso nemfanelo, ewe, angabi sayazi ukuba yona inyaniso iyintonina, nemfanelo iyintonina, ati ngoku abinze ubulungisa, anyelise inyaniso kwakunye nabantu ababuzela ezonto. Namhla u Pelem ubinza u Sir Thomas Scanlen, igama ebelingafanele nokuba lingapatwa ngongafihlisiyo ukuba yena uziyeelele ukuba ehle nomsinga. Lonto uyenza ngelipepa le Mvo!

Ndibe ndingakumbulele ukuba amanene amagama akuzileyo njengawo Sir Thomas Scanlen, amadoda azikanyelayo kwakudala ngenx' enati bantsundu,—nditi ndibe ndingakumbulele ukuba amagama awo angancholiswa ngodaka olutwalwa nge *kliva* elelepepa le Mvo ZABANTSUNDU, bancholiswe ngebelele yena akasazameli bulungisa, selesihla nomsinga. Uyayiyumelana umzi lonto? Elipepalizakuba lelolubhukuqela abantu eluhalekweni na? Ukuba akunjalo, kunganina ukuba kuvunyelwe ukuba ubani ozincamileyo adwekeshe amafene apa kulo? Mnumzeto, izinxiba-mxaka zakowenu zikangele kule koranti ukuba zipakelwe inyaniso; azilindelele ukuba lizamane nokuti inyaniso liyenze ubuxoki ubuxoki libenze inyaniso. Asingebi luhlanga oluya kuhlonelwa zezinye xa siya kubonakala singabantu abangakwaziyo ukuyichuba into elungileyo kwekohlakeleyo. Siya kuvubisa sakwienjenjalo. Kwaye kuyakutyeba into abayitetyayo abanye kwabamhlope yokuba u Kafilu yimfene, akunguye umntu. Kuya kuba nzima pezu komntu ontsundu kwakutyeba pakati kwabamhlope inkolo yokuba sizimfene; kubasiya ukuba sipatwe ngobumfene obo, kungabiko nto ingalungileyo nebolileyo engapobayo kuto. Mayilunykulwe ke lonto ngabahlolo benene bohlanga oluntsundu. Masibe ngabantu abangatengisiyo ngayo inyaniso nokuba sesivalalelwe emagumbini ngamanene amhlope, andevu Koyikekayo, esinga singenza ukubona kwawo, siyeke okwetu.

